basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

## IBANGA 12

**ISIXHOSA ULWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO (SAL)**

**IPHEPHA LOKUQALA (P1)**

**NOVEMBA 2012**

**WESTERN CAPE**

**AMANQAKU: 120**

**IXESHA: 2½ iiyure**

**Olu viwo lunamaphepha angama-20.**

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha lemibuzo linamaCANDELO AMANE angala:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Uvavanyo lokuqonda | (30) |
| ICANDELO B: | Isishwankathelo | (10) |
| ICANDELO C: | Ulwimi | (60) |
| ICANDELO D: | Uncwadi | (20) |

2. Funda YONKE imiyalelo ngononophelo.

3. Phendula YONKE imibuzo.

4. Bhala iCandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Krwela umgca ekupheleni kweCandelo ngalinye.

6. Bhala iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

7. Shiya umgca emva kwempendulo nganye.

8. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

9. Qwalasela upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

### UMBUZO 1

### ISICATSHULWA A

1.1 Funda esi sicatshulwa ngononophelo uze uphendule imibuzo elandelayo.

## Uphethe irekhodi yokuba lufaf' olumadolo (yindoda ende kakhulu)!




UMHLATHI 1

UBao Xishun yeyona ndoda inde ehlabathini. UBao uneminyaka engama-55 kwaye ubude bakhe buyi-2.36m. Uyakwazi ukutshintsha iglowubhu yombane engakhwelanga situlweni. Ibhedi yale ndoda iphantse yaziimitha ezintathu kwaye impahla eyinxibayo iyithungelwa bucala. Isuti eyanxitywa yile ndoda kumsitho we*Guinness Book of Records* yathungwa ngelaphu eliziimitha ezili-10!

**UBao utshintsha iglowubhu**

UMHLATHI 2

'Ekuqaleni ndandinqwenela ukufana nabanye abantu, kodwa ngoku ndiyazithanda ngoku ndingaka,' utshilo. Uthi wakhula njengabanye abantu de waneminyaka eli-16. Emva koko wakhula ngokukhawuleza waba mde kakhulu. Abanye abantu bakhula babe bade ngenxa yokugula kodwa ubude bukaBao Xishun 'bobendalo' ngokoluvo lwabaphandi be*Guinness World Records*.

UMHLATHI 3

Utata kaBao yamkhathaza into yokubona unyana wakhe ekhula ngokukhawuleza waza wamsa kwagqirha. Eselapho wabonwa ngumqeqeshi weqela le*basketball* wacelwa ukuba adlalele elo qela ngenxa yobude. UBao wakonwabela ukudlalela elo qela, kodwa waqala ukuba nengxaki yemilenze. Emva kweminyaka emithathu wayeka ukudlala *ibasketball* wabuyela kubazali bakhe.

UMHLATHI 4

UBao wakhetha ukuzihlalela kuba wayengafumani mfazi. Wakhathazeka kakhulu emva kokusweleka kukamama wakhe eneminyaka engama-40. Umama wakhe wayesoloko emthungela iimpahla, emcocela kwaye emenzela yonke into ayifunayo. Wazivalela waba yinkomo edla yodwa. Ngo-2004 umnini werestyu wamema uBao ukuba abe ngumamkeli wabathengi kangangeentsuku ezili-10. Ubukho bakhe batsalela abathengi abaninzi kule restyu. Wafakwa kwi*Guinness World Records* ngoJulayi ka-2005 kuba wayemogqitha uR. Charbib waseTunisia nge-0.2cm.

UMHLATHI 5

Nangona uBao edumile ehlabathini useyindoda ethobileyo: 'Ndifuna ukuphila ubomi obuqhelekileyo njengotata ngoku onama-94.' Unalo nebhinqa (intombi) ancuma nalo, nathemba ukuba uza kulitshata.



**UBao uhamba nesithandwa sakhe**

[Sikhutshwe kwi*Bona* kaFebruwari 2007 saze sahlelwa]

JONGA KUMHLATHI 1

1.1.1 UBao Xishun uneminyaka emingaphi? (1)

1.1.2 Ubude bukaBao Xishun buyi-2.36m. Mde kakhulu. Khupha kwesi sicatshulwa isivakalisi esingqina oku. (1)

1.1.3 Yinyaniso okanye bubuxoki? UBao Xishun uyakwazi ukuzifumana iimpahla zakhe kuzo zonke iivenkile. Xhasa impendulo yakho. (2)

JONGA KUMHLATHI 2

1.1.4 Waqala nini uBao Xishun ukukhula ngokukhawuleza? (1)

1.1.5 Yinyaniso okanye bubuxoki? Obu bude bukaBao benziwa kukugula kwakhe. Xhasa impendulo yakho. (2)

JONGA KUMHLATHI 3

1.1.6 UBao Xishun udibene phi nomqeqeshi weqela lebasketball? (1)

1.1.7 Bekutheni ukuze umqeqeshi weqela lebasketball abonakalise umdla kuBao Xishun? (2)

1.1.8 UBao wadlala ibasketball iminyaka emingaphi? (1)

1.1.9 Waziva njani uBao Xishun ngokudlalela elo qela lebasketball? (1)

1.1.10 Chaza isizathu sokuba uBao ayeke ukudlala ibasketball. Wenze ntoni emva koko? (2)

JONGA KUMHLATHI 4

1.1.11 Umama kaBao wayesoloko emnceda njani? Nika zibe mbini. (2)

1.1.12 Sithetha ukuthini esi sivakalisi: 'Waba yinkomo edla yodwa?' Khetha kwezi mpendulo zilandelayo:

A Wayengumntu othanda inkomo eyodwa.
B Wayengumntu othanda ukutya inyama yenkomo yodwa.
C Wayengumntu othanda ukuhlala nokwenza izinto yedwa. (1)

1.1.13 UBao wamnceda njani umnini werestyu? (1)


JONGA KUMHLATHI 5

1.1.14 Yinyaniso okanye bubuxoki? Utata kaBao Xishun usaphila. (1)

1.1.15 UBao yintoni enye ayinqwenelayo ebomini bakhe? (1)

**ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO**

1.2 Jonga le khathuni, uze uphendule le mibuzo ilandelayo.




[Ikhutshwe kwiBona kaMeyi 2004 yaze yahlelwa]

JONGA KWIBHLOKO 2

1.2.1 Leliphi eli lizwe ebendwendwele kulo uShoti? (1)

JONGA KWIBHLOKO 3 KUNYE NEBHLOKO 4

1.2.2 UShoti uthi bammangalise njani abantu baseChina? (1)

JONGA KWIBHLOKO 5

1.2.3 UShoti ucela uncedo eMajiteni. Nika amagama aMajita amabini avelileyo kwibhloko yesi-5. (2)

JONGA KWIBHLOKO 5 KUNYE NEBHLOKO 6

1.2.4 Yintoni le ifunwa nguShoti kula Majita? (1)

1.2.5 UShoti uza kwenza ntoni ngale nto ayifuna eMajiteni? (2)

JONGA KWIBHLOKO 7

1.2.6 Ingaba le nto icelwa nguShoti iwonwabisile okanye iwacaphukisile (iwenze umsindo) aMajita? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.2.7 Ngokoluvo lukaShoti, zinjani iinkawu zaseMzantsi? (1)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: ISISHWANKATHELO

### UMBUZO 2

Funda esi sicatshulwa uze usishwankathele.

1. Bhala izivakalisi ezisixhenxe okanye umhlathi onezivakalisi ezisixhenxe uthethe ngeengcebiso eziluncedo kuhambo olude ngololiwe. Isivakalisi ngasinye kwezi zisixhenxe masiquke icebiso (icebo) elinye malunga nokuthatha uhambo olude ngololiwe. Yenza ezakho izivakalisi ungakopi ngqo. (7)

2. Sebenzisa ulwimi olwamkelekileyo uze ushwankathele ngamagama angadlulanga kuma-50. Bhala inani lamagama owasebenzisileyo. (3)

**IINGCEBISO EZILUNCEDO KUHAMBO OLUDE NGOLOLIWE**



**Okokuqala: Fumana umntu omthembileyo**

Phambi kokuba uthathe uhambo ngololiwe kufuneka ufumane umntu oza kugcina indlu yakho ngeli xesha uza kuba ungekho ekhaya. Lo mntu angagcina nezilwanyana zakho zasekhaya njengenja, intaka okanye ikati. Uze unike lo mntu inombolo yakho yeselulafowuni ukuze akufowunele xa kunokubakho ingxaki ekhaya.

**Okwesibini: Amatikiti ohambo**

Kubalulekile ukuba ubhukishe kwangethuba amatikiti kaloliwe kuba baninzi abantu abathatha uhambo olude ngololiwe. Ukubhukisha kwangethuba kungakunceda ufumane lula udidi lwamatikiti olufunayo.

**Okwesithathu: Ukufika esitishini**

Cela umhlobo okanye umqhubi weteksi akuse esitishini phambi kwexesha ukuze ube nexesha lokufumana amatikiti nokulayisha impahla yakho ungangxamanga. Akumnandanga ukufika emva kwexesha kuba ungashiywa nguloliwe.

**Okwesine: Indawo yokulindela uloliwe**

Khumbula ukuba kungayingozi ukuhlala kufuphi neplatifomu kaloliwe ngeli lixa usalindileyo. Ngamanye amaxesha kukho amasela nootsotsi abathanda ukuhlutha iingxowa zabantu eplatifomini. Maninzi amagumbi okulinda kwizitishi zikaloliwe kwaye akhuselekile. Sebenzisa wona ke.

**Okwesihlanu: Ikhompathimenti**

Kumnandi ukuba usapho lwakho lube nekhompathimenti oluza kulala kuyo. Kubalulekile ukuba uyitshixe ikhompathimenti nakulala ebusuku ukuze kungabikho mntu unokungena nilele. Impahla yakho iza kuhlala ikhuselekile ukuba wenza njalo.

**Okwesithandathu: Umntu unokutya ntoni kuloliwe?**

Abahambi ngololiwe bayakwazi ukuthenga ukutya kwikhareji elithengisa ukutya kodwa ngamanye amaxesha ukutya okuthengiswa khona akukho semgangathweni. Khumbula ukuhamba nomphako okukutya okuthandwa lusapho lwakho.

**Okwesixhenxe: Wakufika kwindawo oza kuhlala kuyo**

Kubalulekile ukwenza amalungiselelo okuba kubekho umntu oza kukulanda esitishini sikaloliwe akuse kwindawo oya kuyo. Kufuneka ube nayo inombolo yefowuni yalo mntu ukuze umazise ngexesha aza kufika ngalo uloliwe.



**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

## ICANDELO C: ULWIMI

### UMBUZO 3

3.1 Lungisa amagama <u>akrwelelwe umgca ngaphantsi</u>.

Ngenye imini intombi iye ezivenkileni ngenjongo <u>ukuthenga</u> (3.1.1) ilokhwe <u>intsha</u> (3.1.2). Ibone ilokhwe entle yabuza unovenkile ngexabiso layo. Intombi <u>ivula</u> (3.1.3) isipaji yanika unovenkile imali. Intombi ibulele kunovenkile <u>unobubele</u> (3.1.4). Bonke abantu bebeyithanda ilokhwe <u>lentombi</u> (3.1.5). (5)

3.2 Bhala isikhombisi esihambelana nesivakalisi ngasinye kwezi zilandelayo. Khetha igama elifanelekileyo kula magama asebhokisini engezantsi.

**KHETHA KWEZI:**

| | | | |
|---|---|---|---|
| A | aba | B | ezi |
| C | la | D | Lo |
| E | Obo | F | Olu |
| G | eso | H | Oku |

3.2.1 ... makhulu uyasinceda. (1)

3.2.2 ... buhlanti bukhulu nyhani. (1)

3.2.3 Andikhange ndisitye ... sidudu. (1)

3.2.4 ... sana luthanda inja. (1)

3.2.5 Utata akasoze athenge ... mahashe. (1)

3.3 Bhala ezi zivakalisi kwisinye.

Umzekelo: Abantwana babhala uvavanyo lwesiXhosa.

Impendulo: Umntwana ubhala uvavanyo lwesiXhosa. √

3.3.1 Izinja ziyasikhusela. (1)

3.3.2 Iminenga iyatya. (1)

3.3.3 Oomalume bacula kamnandi. (1)

3.4 Yenza imibuzo eza kuhamba nezi mpendulo zilandelayo. Sebenzisa amagama akrwelelwe umgca ngaphantsi kwimibuzo yakho.

Umzekelo: Igama lam nguThandeka.

Impendulo: Ungubani igama lakho? √

3.4.1 Ifani yam nguShabalala. (1)

3.4.2 Sivela eMpuma Koloni. (1)

3.4.3 Le ntombi ifunda kwibanga leshumi. (1)

3.4.4 Imoto kamama inkulu. (1)

3.4.5 Ndidlala isoka ngoLwesibini. (1)

3.5 Tshatisa izivakalisi ezikuKHOLAM A nezivakalisi ezikuKHOLAM B. Bhala inombolo kunye nonobumba (A–E) ofanelekileyo.

| KHOLAM A | | KHOLAM B | |
|---|---|---|---|
| 3.5.1 | Ndingasula ifestile, mhlekazi? | A | Bhuti, ingathi kum afuna umoya. |
| 3.5.2 | Anjani ke amavili akho? | B | Ndicela yona eyikhilogram. |
| 3.5.3 | Eli qatha lenyama liyimalini? | C | Hayi, zicocekile, enkosi. |
| 3.5.4 | Ufuna ingxowa engakanani? | D | Liyi-R50. |
| 3.5.5 | Ube nemini emnandi. | E | Nawe, usale kakuhle. |

(5 x 1) (5)

3.6 Cwangcisa la magama ngokulandelelana njengokuba uza kuwafumana kwidikshinari (kwisichazi-magama) yesiXhosa.

**Umzekelo:** ilitye, umzali, umakazi, isikolo, -baleka

**Impendulo:** (i) -baleka
(ii) (isi)kolo
(iii) (u)makazi
(iv) (ili)tye
(v) (um)zali

Umfazi, ubawomkhulu, isidudu, ubisi, isiduko (5)

3.7 Bhala ezi zivakalisi zibe kwixesha elibhalwe kwizibiyeli ecaleni kwesivakalisi ngasinye kwezi zilandelayo.

3.7.1 UNomsa ubasa umlilo namhlanje. (ixesha elizayo) (1)

3.7.2 Iindwendwe zafika. (ixesha elidlulileyo) (1)

3.7.3 Abafundi babaliselwe intsomi ngumakhulu. (ixesha ebelidlula) (1)

3.7.4 Ihashe liza kubaleka elwandle. (ixesha elalidlula) (1)

3.7.5 UFezeka uyafunda. (ixesha eladlulayo) (1)

3.8 Jonga iinkqubo eziza kusasazwa kwiSABC 1 kunye neSABC 2 uphendule imibuzo.

| | SABC 1<br>ULWESITHATHU NOVEMBA 14 2012 | | SABC 2<br>ULWESITHATHU NOVEMBA 14 2012 |
|---|---|---|---|
| 17:30 | Iindaba: Siswati/Ndebele | 17:30 | Iindaba: Tsonga/Venda |
| 18:00 | UJozi – Moving the City | 18:00 | U-Ngula YaVutivi |
| 18:30 | U-The Bold and the Beautiful | 18:30 | U-7de Laan: UKabalo uye kulungisa iinwele esaluni kodwa le nto ayimonwabisi uZinzi. UVince noBonitha babuyile kwiholide yabo yomtshato. |
| 19:00 | U-Real Goboza | | |
| 19:30 | Iindaba: Xhosa | | |
| 20:00 | U-Generations: UKhethiwe wothuswa yinto ayinikwa nguRuby. | 19:00 | Iindaba: IsiAfrikaans. |
| 20:30 | U-Soul City | 19:30 | U-Riemvasmaak |
| 21:00 | U-My World | 20:30 | Iindaba: Sotho/Setswana/Sepedi |
| 22:00 | U-The Unit | 21:00 | U-Muvhango: UKK woyika ukuya entolongweni ukanti uRanthumeng akakwazi kukhetha phakathi kukaAgnes noMeiki. |
| 23:00 | U-In Your Defence | | |
| 00:00 | U-Judge Joe Brown | | |
| 00:30 | U-Music Lounge | | |
| | | 21:30 | U-Powerball: Umboniso wokungcakaza |
| | | 21:34 | UKenako |
| | | 22:00 | Ezemidlalo |

3.8.1 Iindaba zesiXhosa ziza kusasazwa ngabani ixesha ngoLwesithathu? (1)

3.8.2 Iindaba zesiAfrikaans zisasazwa kweyiphi itshaneli kuSABC? (1)

3.8.3 Umntu othanda imidlalo angayibukela nini? (1)

3.8.4 Yeyiphi inkqubo eza kuboniswa phambi kukaThe Bold and the Beautiful kuSABC 1? (1)

3.8.5 Inkqubo uSoul City iza kuthatha imizuzu emingaphi? (1)

3.8.6 Iindaba eziboniswa kuSABC 2 ngo-20:30 zilandelwa yeyiphi inkqubo? (1)

3.9 Jonga kulo mzekelo uze uphendule umbuzo olandelayo.

Umzekelo: 'Sithanda ukutya okumnandi,' batshilo abantwana.

Impendulo: Abantwana bathe √ bathanda ukutya okumnandi. √

3.9.1 'Ndiza kutyala imifuno apha,' utshilo uLulamile. (2)

3.9.2 'Ndifuna ukuthenga inyama evenkileni,' itshilo intombi. (2)

3.10 Khetha amagama afanelekileyo kwibhokisi engezantsi uzalise izikhewu kwisivakalisi ngasinye.

3.10.1 Umfundi ogezayo obekhwele phezu kwetafile utyibilike wawa. Utitshala akamsizeli, uthe ..., mfundi! (1)

3.10.2 Umfundi ugilwe ngomnye umfundi epasejini. Umfundi ucela uxolo athi ...! Khange ndikubone. (1)

| | | | |
|---|---|---|---|
| **Ungafi torho!** | **Tshotsho!** | **Gqi!** | **Kuhle!** |

4.1 Yakha izibizo ngokusebenzisa ezi zenzi zilandelayo.

Umzekelo: -dlala = umdlalo/umdlali/imidlalo/abadlali.√

4.1.1 -zoba (1)

4.1.2 -phendula (1)

4.1.3 -thetha (1)

4.2 Bhala igama elikwizibiyeli kwezi zivakalisi zilandelayo libe kwisalathandawo. Bhala igama kuphela.

Umzekelo: Intombi ihamba ngeenyawo (igadi).
Impendulo: egadini. √

4.2.1 Imbongi ifike kakuhle (isikolo) sethu. (1)

4.2.2 Siza kudibana (indlela). (1)

4.2.3 Isela likhwele (uphahla) lwethu. (1)

4.3 Phinda ubhale ezi zivakalisi zibe kwimo elandulayo.


Umzekelo: Inja yam iluma abantu.
Impendulo: Inja yam ayilumi bantu.√

4.3.1 Ijaji ithethile. (1)

4.3.2 Iintombi bezixhentsa epatini. (1)

4.3.3 Umalume wacula kakuhle. (2)

4.4 Jonga kule mifanekiso ufunde izivakalisi. Khetha ibhokisi ehambelana nesivakalisi ngasinye. Bhala inombolo kuphela.





4.4.1 Inkwenkwe inde kunentombi kodwa imfutshane kunotata. (1)

4.4.2 Inkwenkwe notata bayalingana ngobude kodwa bade kunentombi. (1)

4.4.3 Inkwenkwe inde kakhulu kunabanye ababini. (1)


4.5 Jonga kwezi zaziso ubhale umyalelo ohambelana nesaziso ngasinye.

Umzekelo: 

Impendulo: Lahla inkunkuma emgqomeni! √

4.5.1 

(1)

4.5.2 

(1)

**AMANQAKU ECANDELO C: 60**

## ICANDELO D: UNCWADI

### IMIYALELO NENGCACISO

- Khetha incwadi ENYE kuphela uze uphendule imibuzo yale ncwadi uyikhethileyo.
- Ukuba ukhetha UNgodongwana uze uphendule UMBUZO 5.
- Ukuba ukhetha *Iholide ebiweyo* uze uphendule UMBUZO 6.

### UMBUZO 5: UNGODONGWANA – PM Ntloko

5.1 Qwalasela intetho nganye kwezi zilandelayo uze ukhethe umntu owenze le ntetho kwaba bantu ubanikiweyo ngezantsi.

5.1.1 Ho! Khanime madoda. Lo mdudo uyolile namhlanje …

A UNgodongwana.
B UTana.
C Umhlabeli. (1)

5.1.2 Awu! Uyahamba kweli langa? Mna, sendincedwe ngulo mthunzi.

A UNodunge
B UMaMbamba
C UJobe (1)

5.1.3 Lukhalipho olusisimanga olu lwalo mfana, Nkosi …

A UMbangambi.
B UCowan.
C UNodunge. (1)

5.1.4 Hayi kaloku, ntombi buyisa iqhaga lam elo.

A UMaMkhize
B UDingiwe
C UMaMbamba (1)

5.1.5 Khwaza uthi abantu mabazivalele ezindlwini.

A UMawewe
B UMbangambi
C UDingiwe (1)

5.1.6 Sasibizana ngolo hlobo sisakhula.

A UDingiwe
B UTana
C UMbangambi (1)

5.2 Funda esi sicatshulwa uphendule imibuzo.

| | |
|---|---|
| UNODUNGE: | Molweni bafana. |
| IINDLAVINI: | Molo Bawo. |
| ENYE: | Awu, kutheni namhlanje ukuze sikubone ungena apha? Kukho umcimbi na? |
| EYESIBINI: | Kakade amadoda amakhulu njengawe, Khehle, angathini ukuza kuphulaphula ugezo lwabafana kwiindibano ezinje? |
| EYESITHATHU: | Hayi, yekan' uKhehle, madoda, usakhumbul' emfamfam oko ebeseligatya. |
| UNODUNGE: | Ngaba nazini ngoonyana benkosi? Ababuyanga oko bebeye emdudweni phezu koMfolozi. |
| EYESITHATHU: | Wabuza oonyana benkosi, Bawo, ubafuna ngani? |
| UNODUNGE: | Inkosi yam uJobe ibinqwenela ukubabona. Inesithukuthezi sokungabuyi kwabo namhlanje. |
| EYOKUQALA: | Sahlukene kwanini namhlanje, bathi sesobonana ngobu busuku kwalapho emdudweni. |
| UNODUNGE: | Ukho namhlanje? |
| IINDLAVINI: | Ewe, Bawo, yimini yokugqibela le yokududa. |
| UNODUNGE: | Nithi bobakho ooTana noNgodongwana? |
| IINDLAVINI: | Asithandabuzi; kaloku uTana ungumphathi womcimbi. |
| UNODUNGE: | Ke, ntozakuthi, kukho umcimbi olele phantsi endifuna ukuwubeka kuni. Kodwa ndinga ndingaqiniseka ukuba anikhatywanga ezifubeni. |
| IINDLAVINI: | Musa ukoyika, Khehle, thetha nje loo nto uyicingayo, iya kweyela esizibeni kuth' apha. |

5.2.1 UNodunge udibana phi neendlavini? (1)

5.2.2 Yinyaniso okanye bubuxoki? UNodunge uze kule ndawo yeendlavini kuba usakhumbula emfamfam oko ebeseligatya. Xhasa impendulo yakho. (2)

5.2.3 Nika amagama oonyana beNkosi abuzisa ngabo uNodunge. (2)

5.2.4 UNodunge uyintoni kuJobe? Khetha impendulo echanekileyo kwezi:

A Umhlobo weNkosi
B Isithunywa seNkosi
C Liphakathi leNkosi (1)

5.2.5 Yintoni le ithethwa ngoonyana benkosi iviwe yintombi kaNodunge? Khetha impendulo echanekileyo kwezi:

A Bathi iNkosi inesithukuthezi ifuna umfazi wesibini.
B Bathi iNkosi indala ayisakwazi ukuphatha, mayife.
C Bathi iindlavini zenza ukuthanda kwaye zikrwada kakhulu. (1)

5.2.6 Yintoni ebangela ukuba aba bafana baqiniseke ukuba oonyana beNkosi baza kubakho emdudweni ngobo busuku? (1)

5.2.7 Ingaba ithetha ukuthini le ntetho, '…, iya kweyela esizibeni kuth' apha.' Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo:

A Abasoze baxelele mntu ngale nto.
B Baza kuyihlamba ngamanzi esizibeni le nto.
C Baza kuthetha nabantu ngale nto ngasemlanjeni. (1)

5.3

| | |
|---|---|
| UJOBE: | MamBamba, vel' apha! |
| UMAMBAMBA: | (*Engena*) Ndikho Nkosi. |
| UJOBE: | Umphefumlo wam wonakele ukususela ezingcanjini. Eli lizwe lisuke layingqakumba, abakulo bamfikimfikana, ndanga ndiyaphupha. Oonyana bam bacamanga okunzulu ngam. |
| UMAMBAMBA: | Okuyini Nkosi? |
| UJOBE: | Bathi badikiwe yinkosi endala, bagqugula ukuba bandishenxise. |
| UMAMBAMBA: | Nkosi, umntu wonke ophilayo ngokaThixo; nokwenzeka kuye kokuvunywe nguThixo. Musa ukuziduba ngamayelenqe anjalo. Kambe ke kukho ubunyaniso obuzeleyo na kule nto? |
| UJOBE: | Ewe, beviwe bethetha ngaloo nto. |

5.3.1 UMaMbamba uzalana njani noNkosi uJobe? (1)

5.3.2 Yintoni le icingwa ngoonyana beNkosi ngoyise? Chonga impendulo echanekileyo kwisicatshulwa. (1)

5.3.3 Yinyaniso okanye bubuxoki? UJobe uvakala onwabile kwesi sicatshulwa. Xhasa impendulo yakho ngokubhekisela kwisicatshulwa. (2)

5.3.4 UJobe uthi oonyana bakhe beviwe bethetha ngale nto. Ingaba baviwe ngubani? (1)
**[20]**

**OKANYE**

**UMBUZO 6: IHOLIDE EBIWEYO – J William no T Ntshinga**

6.1 Qwalasela intetho nganye kwezi zilandelayo uze ukhethe umntu owenze le ntetho kwaba bantu ubanikiweyo ngezantsi.

6.1.1 Iphi imoto?

A UGrace
B Ipolisa
C URobert (1)

6.1.2 Siza kufika ngemizuzu engephi.

A URobert
B Ipolisa
C UGrace (1)

6.1.3 Andazi ukuba bayidumise njani imoto, tata.

A UElizabeth
B UAndrew
C UMichael (1)

6.1.4 Enye indoda ibinkulu kakhulu, inentamo enkulu namagxa abanzi.

A UElizabeth
B UMichael
C UAndrew (1)

6.1.5 Ndiza kumfumana, uBuso-bukrwentshiweyo.

A Ipolisa
B UGrace
C URobert (1)

6.1.6 Ubucing' ub' ubhadlile, hi mfondini?'

A UBuso-bukrwentshiweyo
B Indoda enamagxa amakhulu.
C Ipolisa (1)

6.2 Funda esi sicatshulwa uphendule imibuzo.

Wancuma uRobert. Wayesazi ukuba wonwabe ngokwenene uGrace. UGrace wayengumntu ovuya ngokuphandle. Ngokuhlwa kwangoLwesihlanu balungisa yonke into ukuze babe nokusuka kwangoko ngemini elandelayo. Bapakisha konke emotweni waza uRobert wayitshixela egaraji sele elungele uhambo. UGrace walungisa ukutya okumnandi ababeza kuhamba nako wakufaka emnyazini. Kwakusemnyama noko ukuvusa kukaRobert abantwana. 'Yizani,' wavakala esitsho. 'Vukani! Vukani! Siya elwandle.' Emva kwexeshana elingephi basebephuma ngemoto eyadini.

URobert wayecele omnye wabahlobo bakhe ukuba aphose iliso endlwini yabo ngelixa bangekhoyo. Wayeza kupha nenja ukutya. URobert wamamela ukutswina kwamavili emgaqweni wetha. Wayeyithanda ingxolo eyayisenziwa ngamavili. Wayengumqhubi weloli kwaye ewuthanda umsebenzi wakhe. Kodwa le wayeyiqhuba ngoku yayingcono kakhulu kuneloli. Babesiya elwandle.

Baqhuba imini yonke. Emva kwemini uRobert waqwalasela ilanga. Lalijinga kakuhle elungqamakweni lomhlaba. 'Sisondele ngoku elwandle,' watsho. Makhe sibone ukuba ngubani oza kulubona kuqala kunomntu wonke.' URobert wayezele yimincili. Naye, ngokunokwakhe, wayengazanga alubone ulwandle. 'Naluya!' wakhwaza watsho uElizabeth. 'Ndiyalubona ulwandle!' Ngexeshana elingephi basebeqhuba kufutshane nolwandle.

6.2.1 Yintoni ebangele uRobert aqiniseke ukuba uGrace wonwabe ngokwenene? (1)

6.2.2 Yintoni le yayisonwabisa uGrace? Khetha impendulo echanekileyo kwezi:

A Babeza kuchitha iholide edamini.
B Babeza kuchitha iholide elwandle.
C Babeza kuthenga imoto entsha. (1)

6.2.3 Usapho lukaRobert luhambe ngoLwesingaphi ukuya eholideyini? (1)

6.2.4 Usapho lukaRobert lwaluza kuhamba ngantoni ukuya eholideyini? (1)

6.2.5 Chaza amalungiselelo enziwa nguGrace phambi kohambo lwabo. (2)

6.2.6 Chonga kwisicatshulwa igama elibonisa ukuba uRobert nosapho lwakhe bahambe phambi kokuphuma kwelanga. (1)

6.2.7 Chaza izinto ezimbini eziza kwenziwa ngomnye wabahlobo bosapho lukaRobert xa bengekho. (2)

6.2.8 Wazi njani ukuba uRobert wayekwazi ukuqhuba? (2)

6.2.9 Yinyaniso okanye bubuxoki? URobert nosapho lwakhe bafika kwakusasa elwandle. Xhasa impendulo yakho. (2)

6.2.10 Ingaba ithetha ukuthini le ntetho. 'Wayezele yimincili.' Khetha impendulo echanekileyo kwezi:

A Wayekhathazekile
B Wayemince kakhulu
C Wayevuya kakhulu (1)

**AMANQAKU ECANDELO D: 20**
**AMANQAKU EWONKE: 120**